PARLIAMENT
OF THE REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# VAKALISA IZIMVO ZAKHO

## UMTHETHO OYILWAYO WOKUTHATHWA KOMHLABA NGAPHANDLE KWEMBUYEKEZO [B 23B – 2020]

### ISIMEMO SOKUNGENISWA KWEZIPHAKAMISO ZOLUNTU

IKomiti eKhethekileyo yeSebe lezoThutho, lezaBasebenzi bakaRhulumente noLawulo, lezeMisebenzi kaRhulumente neZiseko ezinguNdoqo imema abantu kunye namahlakani achaphazelekayo anomdla ukuba angenise izimvo ezibhaliweyo malunga noMthetho oYilwayo wokuThathwa koMhlaba **ngaPhandle kweMbuyekezo [B 23B—2020]**.

UMthetho oYilwayo ozama ukubonelelwa kokuthathwa kwepropati ngenjongo zoluntu okanye ngokwenzuzo yoluntu; ukulawula inkqubo yokuhluthwa kwempahla ngeenjongo zoluntu okanye oko kusenzelwa uluntu, kuqukwa ukuhlawulwa kwembuyekezo; ukuchonga iimeko ezithile apho isibonelelo sembuyekezo engekhoyo sisenokuba nobulungisa kwaye silungele ukuhlutha umhlaba ngokwenzuzo yoluntu; ukutshitshisa uMthetho wokuThathwa koMhlaba ngaPhandle kweMbuyekezo, wowe-1975 (uMthetho Nombolo 63 wowe-1975); kunye nokubonelela ngemiba enxulumene noko.

Abantu abanomdla kunye nabachaphazelekayo bayacelwa ukuba bangenise amagalelo abhaliweyo ngefomu efumaneka kwi-intanethi kweli khonkco lilandelayo **https://forms.gle/PTNQaCjRyEzVcvVa8**

Imibuzo, ingathunyelwa kwiKomiti eKhethekileyo yeSebe lezoThutho, lezaBasebenzi bakaRhulumente noLawulo, lezeMisebenzi kaRhulumente neZiseko ezinguNdoqo, ingqalelo kuNobhala weKomiti, uMnu Hlumeka Mtileni, ngale dilesi ye-imeyile: **expropriationcomments@parliament.gov.za**

**Usuku lokuvalwa kokwamkelwa kweziphakamiso ezibhaliweyo nguMvulo, umhla wesi-6 kweyeKwindla, 2023.**

IIkopi zoMthetho oYilwayo zingacelwa ngomnxeba kuMnu Mtileni kule nombolo yeselula: 0837098448 okanye zingafumaneka kwiwebhusayithi yasePalamente ethi (**www.parliament.gov.za**).

**Ikhutshwe nguMnu MK Mmoiemang, iLungu lePalamente, uSihlalo weKomiti eKhethekileyo yeSebe lezoThutho, lezaBasebenzi bakaRhulumente noLawulo, lezeMisebenzi kaRhulumente neZiseko ezinguNdoqo**

**Parliament – Following up on our commitments to the People – Making your future work better**

www.ayandambanga.co.za
147122 ISOLEZWE (ISIXHOSA)